

Kudaladala uMnumzana noNkosikazi Ibrahim babenevenkile. Babesebenza evenkileni yonke imihla. Ngenye imini uNkosikazi Ibrahim wafika ekhaya evela emsebenzini. Wayeneziphо ezimbini ebhegini yakhe, esinye isesikaMusa esinye isesika-Ali. Wakhupha isipho esinye ebhegini yakhe. Yayiyinto enku lu engqukuva. UMa wafunda ikhadi. Lalithi, "Enkosi Ma. Ndonwabe kakhulu. Ndiza kukupeyintela umfanekiso omnye ndiwupeyintele uTata"

Wathi akuggiba ukupeyinta uMusa, wabuyisela iipeyinti ebhokisini yazo waze wabeka ibhokisi etafileni. Uzibeke phi iipeyinti? Ewe! Ebhokisini ephezu kwetafile. UMusa wahamba wayokudlala nabahlobo bakhe.

Ngelixa angekhoyo kwabakho into eyenzekayo. Mamelani – ndiza kunixeleta. UAли omncinane wangena ngaphakathi endlwini waze wabona ibhokisi eluxande phezu kwetafile. Wayefuna ukubona ukuba yintoni na engaphakathi kuyo. Ngoko, watyhala isitudo esisecaleni kwetafile, kwaze... Nicinga ukuba wenze ntoni? Ewe, wakhwela phezu kwesitudo waze waqabela phezu kwetafile. Ngoku nicinga ukuba wenze ntoni? Ewe! Wavula ibhokisi waze wakhupha ipeyinti ebomvu, ebhlouw okanye ezuba kanye nepeyinti eluhlaza.

Niyayazi ukuba wenza ntoni? UAли wavula ipeyinti eluhlaza waze wayiqaba empumlweni yakhe. Ndibonise indlela ayiqabe ngayo ipeyinti empumlweni yakhe. Waze wavula ipeyinti ebomvu wayiqaba esuswini sakhe. Ndibonise indlela eqatywa ngayo ipeyinti esuswini sakho. Mhmmm! Kwakumnandi

kuye! Wavula nepeyinti ezuba waze wayiqaba kuyo yonke indawo ezinzwaneni zakhe. Ningakwazi ukushukumisa iinzwane zenu?

Ngoku, uAli omncinane wayenepeyinti eluhlaza e...mpumlweni yakhe. Ipeyinti ebomvu e...suswini sakhe. Kunye nepeyinti ezuba e...zinzwani zakhe. Wawangawangisa izandla zakhe ngolu hlobo waze wahleka, wahleka. Niyayazi ukuba inombala onjani ipeyinti eshiyeke ebhokisini? Ewe! Ipeyinti etyheli yayishiyeke ebhokisini. Kodwa uAli zange ayithathe ipeyinti etyheli kuba kanye ngelo xesha uNkskz Ibrahim wangena wambona.

Kweli bali maninzi amathuba okubonisa iintsingiselo zamagama. Kukho iqela lamagama azizalatha ndawo afana nala: phezu, ngaphakathi, ecaleni. Yenza intshukumo ngala magama usebenzise oonopopi kanye nezinto zokwenza imidlalo ngelixa ubalisa ibali emva koko ucele abantwana ukuba benze intshukumo eklasini. Ungathi, "Benjamin ungakwazi ukwenza ngathi unguAli? Cinga ngendlela ofuna ukufikelela ngayo kwiipeyinti eziphezu kwetafile. Tyhala isitudo esisecaleni kwetafile. Ngoku qabela phezu kwesitudo. Ngoku khwela phezu kwetafile." Elinye iqela lamagama ngamagama emibala. Sebenzisa ijokhwe zepeyinti ngendlela eddlalisayo ukufundisa abantwana amagama emibala yeepeyinti. Ungathi, "UAли uyiipeyinte ngowuphi umbala impumlo yakhe? Luhlaza! Ewe ilungile. Xoli, ungamphathela ipeyinti eluhlaza uAli?" Ungagxila nakwiimilo zezipho – engqukuva neluxande.



UAli wahleka waqhwaba izandla zakhe. UNkskz Ibrahim wathi, "Ali! Wenza ntoni?" Waze wancuma wathi, "Impumlo yakho iluhlaza. Isisu sakho sibomvu. linzwane zakho zizuba ngombala. Kwaye ke ndiyakuthanda!" UNkskz Ibrahim wathatha uAli wamkhuphela ngaphandle waze wamhlamba impumlo yakhe. Wamhlamba isisu sakhe. Wamhlamba neenzwane zakhe. Wafaka iipeyinti ngaphakathi ekhabbhathini ukuze uAli angafikeleli kuzo kwakhona.

Liphela njalo ke ibali lethu.



Bhala isicengcelezo ephepheni elikhulu okanye kwikhadibodi uze ukhuthaze abantwana ukuba 'basifunde' isicengcelezo. Baza kube besicengceleza ngentloko kodwa oku kuza kubenza bazive ngathi bayakwazi ukufunda baze baqalise ukuqaphela amagama noonobumba.



Impumlo yakho iluhlaza
Isisu sakho sibomvu
linzwane zakho zizuba
Kwaye ndiyakuthanda!